CAPE WINELANDS DISTRICT
MUNICIPALITY • MUNISIPALITEIT • UMASIPALA

***UMasipala wesiThili waseCape Winelands kwintsebenziswano necandelo leZiko loQeqesho neMfundo likaRhulumente waseKhaya / Local Government Sector Education and Training Authority (SETA) kunye ne-Chinese Culture & International Education Exchange Centre (CCIEEC) unika iNkqubo yeNkxaso yaMazwe ngamazwe yeenyanga ezintandathu ezilandelelanayo amashishini amancinane aPhakathi namaShishini amaNcinane (SMME's) kwezi zifundo zidweliswe ngezantsi ukususela ngenyanga yeSilimela yowama-2024 ukuya kuthi ngenyanga yoMnga wowama-2024 eTshayina.***

## INKQUBO YENKXASO YEENYANGA EZINTANDATHU EZILANDELELANAYO (6) YAMAZWE NGAMAZWE ETSHAYINA - (10 X AMATHUBA)

UMasipala wesiThili waseCape Winelands, uMasipala wase Breede Valley, uMasipala wase Drakenstein, uMasipala wase Stellenbosch kunye noMasipala wase Witzenberg umemezela izicelo kumashishini amaNcinane aPhakathi namaShishini amaNcinane arhwebayo nabhalisileyo akwisithili saseCape Winelands anqwenela ukuthabatha inxaxheba kwiNkqubo yeNkxaso yaMazwe ngamazwe.

**Iimfuno zokumisela amaShishini amancinane aPhakathi namaShishini amaNcinane (SMME's):**

1. Amashishini amancinane aphakathi namashishini amancinane (SMME's) kufuneka abhaliswe kwaye ishishini lorhwebo kufuneka libe phantsi kolawulo lukaMasipala wesiThili waseCape Winelands
2. Amava wokuqhuba ishishini
3. Ukuphuhlisa isicwangciso seshishini esibanzi ukuqhuba eTshayina
4. Iindawo ekugxilwe kuzo: **E-Commerce and Online Business Skills, Entrepreneurship Skills, Industry collaboration and investment, Tourism and cultural exchange and collaboration, Rural development, and small business development.**

**Nceda ungenise kokulandelayo:**

1. Ileta yenkuthazo kwingqalelo yomPhathi kaMasipala (ubukhulu iuphepha eli-1) ecacisa ukuba uza kwenza ntoni ukuba ngaba unokunikwa eli thuba
2. Iinkcazo zobom (CV) ezinzulu, iikopi zezazisi (ID) eziqinisekisiweyo
3. Isicwangciso soshishino esibanzi kunye nomgangatho wokulandela eTshayina
4. Isingqino sendawo apho kukho ishishini lakhoyokuhlala
5. Ukuba ngfaba sele incwadi yokundwendwela iya kuba luncedo lwakho kwaye uyacelwa ukuba ufake ikopi yencwadi yokundwendwel eqinisemkisiweyo kumaxwebhu
6. Abagqatswa abakhethiweyo kufuneka bavume ukwenza uxilongo lonyango kwaye bafumane isatifikhethi semvume kumapolisa, iindleko ziya kuhlkawulwa nguMasipala.

**Iindleko eziya kuhlawulwa yi-LGSETA kunye ne-Chinese Culture International Education Centre (CCIEC) ngomthabathi-nxaxheba ngamnye zezi:**

- Imali yokuhamba ngeenqwelo-moya zamazwe ngamazwe
- Ukungqinela ngamaxwebhu (Imvume yokuhlala eTshayina nomrhumo wevisa)
- Indawo yokuhlala
- Ukutya
- izithuthi zasekhaya
- Umrhumo woqeqesho
- Umrhumo woncedo lwendawo yokusebenza
- Uqheliso
- Umrhumo wolawulo
- Utyelelo loshishini nentsebenziswano kumsebenzi kwiinkampani zaseTshayina
- Inshorensi yesibhedlele
- Uncedo lonyango lomhla ngomhla

**Iindleko eziya kuhlawulwa yi- CWDM:**

- Uxilongo lonyango
- Isicelo sencwadi yokundwendwela
- ISatifikhethi semVume samaPolisa

Uluhlu oluncitshisiweyo lwabaceli luya kuya kwinkqubo yodliwano-ndlebe. Umlinganiselo wokhetho lwe-LGSETA luya kusebenza nalo.

**Abafaki-zicelo kufuneka babonise ngokucacileyo ukuba ngowuphi uMasipala ongathanda athathelwe ingqalelo kuwo.**

**2 x amathuba - UMasipala wase Breede Valley**
**2 x amathuba - UMasipala wesiThili wase Cape Winelands**
**2 x amathuba - UMasipala wase Drakenstein**
**2 x amathuba - UMasipala wase Stellenbosch**
**2 x amathuba - UMasipala wase Witzenberg**

Umhla wokuvalwa kwezicelo **nguMvulo, umhla wama-27 kuCanzibe wowama-2024 ngentsimbi ye- 16:00**

**IZICELO ZINGAHANJISWA KWEZI DILESI ZILANDELAYO:**

**KWI-OFISI YASESTELLENBOSCH**

29 Du Toit Street /46 Alexander Street
STELLENBOSCH
7600

**KWI-OFISI YASEPAARL**

194 Main Street
PAARL
7646

**WORCESTER OFFICE**

51 Trappes Street
WORCESTER
6850

**CERES OFFICE**

27 Munnik Street
CERES
6835

**I-OFISI YASEROBERTSON**

40 Van Reenen Street
ROBERTSON
6705

**I-OFISI YASEMONTAGU**

50A Bath Street
MONTAGU
6720

---

**Umhla wokuvalwa kwezicelo uthathwa njengomhla apho iimfuneko ezimiselwe njengobuncinane kwesi sibhengezo kufuneka zifezekiswe ngabaceli. Akukho maxwebhu ongezelelweyo aya kwamkelwa emva komhla wokuvalwa. Abaceli bangabuza imibuzo ngqo kuNksz/Nkszn NP Mtuta kule nombolo (021) 8885120. IiNkcazo zoBom (CV) eziqqityiweyo, Isicwangciso seshishini ebanzi, ezikhatshwa zikopi zeziqinisekiso/izatifikethi ezizizo zokuqala ezifunqelweyo (izidanga, iidiploma, izatifikethi, izatifikethi zesikolo, njalo, njalo), zingeniswa ku*Municipal Manager*, Cape Winelands District Municipality, P.O. Box 100, Stellenbosch, 7599 ngemvulophu evaliweyo kwaye evunywe ligama lesithuba esifanelekileyo elikwimvulophu.**

**Kufuneka kuqatshelwe ukuba izicelo ezingahambisani nemiyalelo echazwe ngasentla azisayi kuthathelwa ngqalelo, nezisemva kwexesha, ezifeksiwe okanye zizicelo zombane.**

**Kwimeko apho kukho ukuguquguquka kwisibhengezo sesiNgesi\, sesiBhulu nesesiXhosa, isibhengezo sesiNgesi siya koyisa kwaye abafaki-zicelo bamkelekile ukuba bacele ikopi yesiNgesi okanye yeSixhosa ku Nkszn NP Mtuta ku - (021) 8885120**

*Nceda uqaphele ukuba xa ingekho ingxelo oyifumeneyo ngomhla wama-31 kuCanzibe wowama-2024 umgqatswa uya kucinga ukuba isicelo sakhe asiphumelelanga.*

*Ukurhwebesha uya kuthintela umgqatswa.*